

Ucwawgciso Sifundo Yesibini lindawo Zokuhlala

IZIPHUMO EZIMANDUNDU

CO#3: Zilawule uzilungiselele nezenzo zakho ngentembeko nangesiphumezo.

IZIPHUMO ZEMFUNDO

LO#2: Umfundi uza kukwazi, abenakho ukuqonda nokusebenzisa ulwazi lwenzululwazi, olwenkcubekho, nolwemimandla.

Ulwazi:

Uqwalaselo nekukhumbula.

Uvavanyo lokuqonda(comprehension) nokuqonda.

AMABANGA OXABISO

Unakho ukukhumbula ulwazi olunentsingiselo xa kudingekile.

UKUFUNDISA KWESIFUNDO

Zikhumbuze ngnkcazelo yeendawo zokuhlala ngokufumaneka kuphepha-11 phambi koqaliso sifundo.

Azisa ebafundini isigama se-Ndawo Yokuhlala(Habitat)-apho sihlala khona isilwanyana. Ngentsebenziswano nabafundi akha uluhlu lwezinto ezizidingayo kumakhaya azo(ikhaya likhulu kunendlu, liquka apho zihlala khona nezinto ezizidingayo ukuze ziphile ezinjegokutya, amanzi, neemvelaphi zamandla[fuel sources]). Bayeke babhale nantoni efika kuqala engqondweni njegomabona-kude(TV), izino zokudlala(toys), amanzi, ibhedi njl.-njl. Kanjalo abafundi bakhuthazwa ukuba bacinge ngezinto abazenzayo, okanye abadinga ukuzi sebenzisa mihla le. Xoxa umahluko phakathi kwesidingo(amanzi) kwakunye nesifundo (coca-cola). Ngokusebenzisa iintsika(columns) ezimbini ebhodini ezilebhelwe izidingo ne zifundo, beka imzekeliso enikwe ngaphambili phantsi kwezihloko izifanekileyo ngentsebenziswano nabafundi. Oku kuza kunikhokhelela kwizidingo ezine zesiqhelo-ukutya, amanzi, ikhusi(shelter), nohlaba(space).

- phakathi endlini
- emthini
- umhlaba omanzi (wetland)
- Ethafeni

ISIKHOKHELO SEEMPENDULO - (Ezi ziimpendulo abanokuphuma abafundi, vumela iimpendulo zabafundi xa bekwazi ukucacisa ngengqiqo ukuba kutheni bebeke silwanyana ngasinye apho sibekwe khona.)

Intaka	- Emthini	Isele	- Kumhlaba omanzi
Unomadukudwane	- Ethafeni	Inja	- Endlwini
Ikati	- Endlwini	I-squirrel	- Emthini
Ufudo	- Ethafeni	Impuku	- Endlwini nasethafeni
Icikilishi	- Ethafeni	Uqongqothwane	- Emthini nasethafeni

Kananjalo abafundi bangabhala ephepheni elahlukileyo kwiintsika ezilebhelwe ngeendawo zokuhlala ezahlukeneyo, amagama ezilwanyana ezifumaneka kwicwecwe leendawo zokuhlala(Habitat Sheet) phansts kwesihloko esisiso.ngale ndlela ubanakho ukusebenzisa iikopi zephepha lakho zeeklas ezilndelayo.



Ukgqibalisa, mema abafundi bakhombe okudingwa yingwenkala ukuze ibenokuphila kwindawo yayo yokuhlala. Xoxani iizantlukwano neziyelelaniso eziphakathi kwemimandla yengwenkala neyabo. Oku kuzaku gxininisisa into yokuba zonke izinto eziphilayo zineezidingo ezifanayo. Vula ingxoxo yokuba ingaba oku kunga khokhela kukhuphiswano phakathi kweentlobo-ntlobo zezilwanyana xa zonke zinezifuno ezifanayo.



ISENZO 1 - uhlahlelo lweendawo zokuhlala

Ngenisa isiqobo esibunayo eklasini, ongathi usifumane kwibala elingasemva kwesikolo, uqalise ingxoxo yokuba ingaba esisiqobo sinakho okufunekayo ukuze sibenokubizwa njengendawo yokuhlala/yokuphila. Olu lulwaziso nje lokuba iindawo zokuhlala zingaba bukhulu bungalinganiyo, zingafani ngokuxhomekeke kwinqanaba lobomi lweso silo sikuloondawo.



UXABISO

1	2	3	4
Umfundi akakwazanga ukungqamanisa isiqobo esibunayo nokufunekayo ukuba sibeyindawo yokuphila/yokuhlala.	Umfundi ubenakho nje, ngokungagqibelelanga ukuqikelela ukuba esisiqobo sibunayo sibeyiyo indawo yokuphila/yokuhlala.	Umfundi ufikelele kwibanga loxabiso ngokusebenzisa ul.wazi lwangaphambili ukuze abenakho ukutsho ngokusebenzisa ingqiqo eyiyo ekubeni kutheni esi siqobo sibunayo sibanakho ukubizwa njengendawo yokuphila/yokuhlala.	Umfundi wenze ngaphaya kobekulindelekile, ebonakalisa uqondo olongeziweyo lwezidingo zendawo zokuphila/yokuhlala.

IMVELAPHI

Yintoni indawo yokuhlala?

Zonke izinto eziphilayo zidinga ikhaya, okanye indawo yokuhlala ezinokuphila kuyo. Indawo yokuhlala, yindawo apho isilwanyana sihlala siphile khona ubomi baso bonke. Ezi zisusela kwiincam zeentaba ukuya kwiziziba zeelwandle, amahlathi ukuya kwiintalango. Isilwnayana ngasinye siqheliswe ngakumbi ukuba sibenokuphila kulo ndawo sihlala kuyo. Abantu nabo banazo iindawo zokuhlala; oku kukhulu ngaphezu kwezindlu esihlala kuzo. Kuquka nezinye iindawo esiqhaganshelana nazo. Apho sihamba khona isikolo, iivenkile okanye apho sityelela khona ngexesha leeholide oko kuse zindawo zethu zokuhlala.

Yintoni edingwa zizilwanyana kwiindawo zazo zokuhlala?

Indawo yokuhlala ibanazo zone iziseko zezidingo ezabelana ngazo izilwanyana: Ukutya, amanzi, umhlaba nekhushi. Ukutya namanzi kusinika amandla, esiwadingayo ukuze siphile. Ikhushi isikhusela kwimo yezulu kwakunye neentshaba. Zonke izilwanyana zidinga umhlaba apho kuno kufumaneka ukutya, amanzi nokhushi lwazo. Xa kungekho mhlaba waneleyo wezinto eziphilayo kuloo ndawo yokuhlala, kuye kuthetha ukuba akuzo kukwanela oko kudingwa zezo zilwanyana ukuze ziphile kuloo ndawo. Ngenxa yamendu azo, iinwenkala zidinga imihlaba evulekileyo ezinokuthi ziphile kuzo, njegeendawo ezinengca (grasslands), iimmandla enganamithi enengca(savannah), amahlathi (woodlands) kwakunye neendawo ezinatyholo (bushlands) njalo-njalo, apho zinoku baleka kakhulu ngamendu aphakamileyo zingajongenanga nokuthi zidibane nokuthi kukuthintele oku. Zikhetha ukuhlala kwiindawo apho kukho inani eliphantsi lezinye izizingelikutya ezinokuthi zikhuphisane nazo, njengee ngonyama, iingwe ezimabala-bala, iimfene kwakunye nezinja zehlathi (heyne) njl.-njl. Oku kuthetha ukuba zihlala ngaphandle kweendawo, kukwalapho ke lithi libenoku phakama inane lezinye izizingeli kutya ixesha elininzi.



ICWECWE LEZIL WANYANA

